



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2013

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – P2
IMEMORANDAM**

AMANQAKU: 80

Le memorandum inamaphepha ali – 21 kunye
nee rhubhriki.

ICANDELO A: ISIHOBE**IMIBONGO EMISELWEYO****VUKANI MADODA KUSILE – IZIBONGO NAMANQAKWANA: Ingqokelela yababhali****UMBUZO 1 (Umbuzo omde)****AFRIKA LIKHAYA: W. Shasha****Umfundi anganyathela kwezi ngongoma xa ephendula.**

- Kowu aphin'amadodana! Imbongi ibonisa ukukhathazeka kwaye ikwahlaba ikhwelo icela amadodana aze kuncedisa ekuhlanguleni i-Afrika ekuphalazekeni. Kwa isikhuzo esisetyenzisiweyo sidulisa le ntlungu ingakanana.
- Intombi kabawo bayenzakalisile, Izidlwengu zezidlamlilo..... Esi sikweko imbongi isisebenzisele ukubonisa ukuba i-Afrika yenzakele kukubhunyulwa ngenkani ngamaveza-ndlebe.
- Kugqub'oothikoloshe kwindlu kabawo, Ngcango festile ziyalengalenga, Sebekruthakruthe batyhoboza..... Isikweko "oothikoloshe" sibhekisa kwaba bangeneleli abeze ngenjongo yokuphanga ilizwe lethu. Ngoko ke imbongi isizobela umfanekiso ntelekelelo wabantu abasele bengaphakathi ukuza kuzityhuthulela ngogonyamelo kuba ngoku i-Afrika seyifana nebhodlo.
- Ruthu intong'am ndaphakamisa Imbongi isakhela umfanekiso ngqondweni weliso sibe ngathi sibona umlo phakathi kwama-Afrika nabaphangi ukuvikela ilizwe lethu.
- Yangen'imbumbulu bandosela..... Imbongi ibonisa ukuphindisa kwabaphangi okunobungozi kwaye akunasini. Kwa isixhobo esi "Umpu" sisetyenzisiweyo sinamandla kunentonga yiyo loo nto besoselwa lula.
- Beza nomfundisi wathandazaImbongi izoba ukukhohliswa kwethu ngabangeneleli ngokuthi bahambisa ivangeli kuba besibona singabahedeni. Le yayiyindlela yokuba bangene baphelele phantsi kwephiko lobuKrestu.
- Hlas'umkhont'am ndabibitheka, Ndonda ngecabanga balambisa, Yangen'imbumbulu bandosela..... Isifanekiso zwi "Hlasi" sibonisa ukuthathwa kwento ngokukhawuleza kungalindelekanga. Apha kuboniswa iinzame zabantu abamnyama besenza amacebo okuzikhusela nangona besoyisakala kuba umkhonto awunamandla ukogqitha imbumbulu.
- Kwisitanza sokugqibela sinikwa isisombululo sale ngxaki. "Ndogxek'iNciba noMzimkhulu, ngokundigqinga ndingenzanga nto" Imbongi isinika umfanekiso wokubiyelwa yile milambo kwaye oku iyakukhalazela. Ukubiz'iinkamela, zisel'amanzi ziwafince, ukuthatha imihlakulo udliz'iintaba nokudiba imilambo kubonisa iinzame ezinokwenziwa ngabantu abamnyama ukuguqula le meko kuyiyo khon'ukuze i-Afrika iphinde ibelikhaya alibonakalisa umbhali ngesi sigama "Nditsho nditabhate ndiphangalale."

[10]**OKANYE**

UMBUZO 2 (Umbuzo omfutshane)**UMLAMBO: N. Thuthani**

- | | | |
|-----|---|-------------|
| 2.1 | Yinyoka, sisikweko | (2) |
| 2.2 | 2.2.1 2 | (1) |
| | 2.2.2 3 | (1) |
| | 2.2.3 1 | (1) |
| 2.3 | Ungad'ungahambi wakuva loo ntlombe yendalo | (1) |
| 2.4 | Likhaya lezilo/nabomlambo balapho/wombebele kamnandi | (2) |
| 2.5 | Umfanekiso ntelekelelo wengxolo eyenziwa kukuhamba kwamanzi | (1) |
| 2.6 | Abantu bafumana amanzi okunkcenceshela kanti zona izilwanyana ziyasela. | (1) |
| | | [10] |

OKANYE**UMBUZO 3: (Umbuzo omfutshane)****UNKOSI RHOLIHLAHLA NELSON MANDELA: D.L.P. Yali-Manelisi**

- | | | |
|-----|---|-------------|
| 3.1 | Sisibongo | (1) |
| 3.2 | 3.2.1 Umagxagxamis'amagxagx'axhalabe | (1) |
| | 3.2.2 Umafanelwa zizidanga nezidabane / Umafanelwa yimbola engayiqabi | (1) |
| | 3.2.3 Yimbuzu-mbuz'enjengenaliti | (1) |
| 3.3 | Uphindaphindo, ukugxininisa uluvo lokuba uMandela wayengoyiki ngokoyikiswa kwaye wayewalwela amalungelo akhe | (2) |
| 3.4 | Engamashumi amabini anesixhenxe/27 | (1) |
| 3.5 | Esi sikhahlelo sibonisa ukungazinzi kwelizwe kuba siphantsi kwedyokhwe yobukhoboka ngenxa yengcinezelo yamaBhulu. | (2) |
| 3.6 | Inyaniso /ubunyulu /uxolo | (1) |
| | | [10] |

OKANYE

UMBUZO 4 (Umbuzo omfutshane)**BUBOMI OBO: S.S.M. Mema**

- 4.1 Ubomi bungamahla ndinyuka kwaye bufuna umntu onyamezelayo anganikezeli uya kude afike empumelelweni. Umntu ngamnye uzinikiwe izakhono ezinokumnceda ukufika kule mpumelelo makangasoli umdali zakungalungi izinto. (2)
- 4.2 Yenza umntu asole uThixo amthathe ngokuba umfulathele de azibone engenzi mizamo yokuba kube ngcono (1)
- 4.3 4.3.2/Iyakhuthaza (1)
- 4.4 Ukwanya (1)
- 4.5 Kuboniswa ukuba ubomi ngumzamo kwaye lowo uzamayo uyakuvuzwa kanti lowo ungazamiyo ubomi busisiqalekiso (1)
- 4.6 Yintaka/Yimpuku (1)
- 4.7 Ukulunyulwa (1)
- 4.8 Masifunde ukunyamezela kuba indlela inde kwaye ifuna umntu ozimiselayo asebenze kuba ubomi ngumzamo. (2)

[10]**KUNYE**

Imibongo engafundiswanga**UMBUZO 5 (Umbuzo omde)****NDLELA NTLE: O.T. Ncanywa****Umfundi anganyathela kwezi ngongoma zilandelayo kwimpendulo yakhe:**

- Kwisitanza sokuqala imbongi iyalela abafundi ibakhulula ukuba bahambe baye kuzibonakalisa ukuba bangakwazi ukuzimela elizweni kuba yonke imigudu efanelwe kukwenziwa xa kuzanywa ukuxonxwa abafundi apha enyakeni yenziwe. Le migudu ibisekelezele ukubalungiselela ikamva eliqhakazileyo.
- Imbongi iyibethelela le migudu yenziweyo ngokuthi ibonise ukuba ibe ligalelo labantu ngabantu.
- Kwisitanza sesibini imbongi ivuma ukuba ootitshala akukho nto bangayenzanga ukubalungiselela iimviwo abafundi. Ootitshala bawavelele onke amacala xa bebefundisa ukuze iimviwo zifike bezilungele abafundi.
- Kuyacaca ukuba eli galelo lenziwe ngootitshala ibiyindlela yokubaxhobisa abafundi batsho babe nekamva elingcono.
- Nakwesi sitanza iphinde igxininise intsebenziswano ebangele ukuba le mizamo yokuxonxa iphumelele.
- Kwisitanza sokugqibela iyalela abafundi ukuba xa sele bephumile esikolweni ze babe nentobeko nobulumko kanye njengoSolomon. Iyayaleza imbongi ukuba ze babe nomqolo, bakwazi ukuhluzisa okulungileyo kokungalunganga, bangazilibazisi ngezinto ezingazukubenzela nto ebomini kuba zonke izinto bazifundisiwe.

[10]**OKANYE****UMBUZO 6 (Umbuzo omfutshane)**

- | | | |
|-----|--|-----|
| 6.1 | Sinijikajika, sinigocagoce, sinikhandakhande, ukondl'ingqondo, ukondl'umphfumlo, ukondl'umoya, ukondl'ubuntu. (Nasiphi isibini) | (2) |
| 6.2 | Kootitshala | (1) |
| 6.3 | Lokumkhulula umntu kuba lifikile ilixa kwaye naye ekulungele oko/ Lokwaneliseka kuba ubona ukuba lilixa lokuba uye kubonakalisa okuzuzileyo. | (1) |
| 6.4 | Yingqondo eyondlekileyo, ngumphfumlo owondlekileyo, ngumoya owondlekileyo nobuntu obondlekileyo. (Nasiphi isibini) | (2) |

- 6.5 Ze nichul'ukunyathela elizweni/Ze nihambe ngentobeko nondiliseko/Ze nibe nobulumko njengoSolomon. (1)
- 6.6 Umbhali ugqithisa amazwi okuthi ndlela ntle kubafundi kuba kusekupheleni konyaka kwaye ukwabalula igalelo lootitshala ekuxonxeni abafundi ukuze baphumelele, balilungele nelizwe elibajongileyo. Kungoko ke ebanika amazwi enkuthazo. (2)
- 6.7 Kukuzilibazisa ngezinto ezingakhiyo, neminye imizekelo evela kumfundi iyakwamkeleka. (1)

[10]**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

ICANDELO B: INOVELI**UMBUZO 7 (Umbuzo omde)****NYANA WAM! NYANA WAM!: W.K. Tamsanqa****Umfundi makachankcathe kwezi ngongoma zilandelayo.**

- Edolophini eGcuwa uMangaliso udibana nabahlobo bakhe uSonwabo noThemba. Bamfaka emotweni eya eBhayi ngaphandle kwesivumelwano.
- Endleleni bamnyanzela ngotywala athe akuba ebusele wabonakala enobuthathaka kuba naku elila. Abahlobo bakhe abakuhoyi oku kulila kwakhe kuba basuke bayalela umqhubi abe ngathi uyawunyathela umcephe wamafutha.
- Buyamoyisa utywala kuba ude alale ze aqabuke sele eseBhayi kwaZakhele ushiywa yedwa okomzuzwana kuloo ndlu ikwaZakhele. Bakubuya baphinde bafune ukumntyintya ngobunye utywala. Uyalandula kunjalo nje kubonakala ukuba uzimisele koku kulandula.
- Emva kwale ntselo kuyiwa edolophini ze uMangaliso alahlekane apho nabahlobo bakhe. Oku kulahlekana kwakhe nabahlobo bakhe kuthe kanti kumvulela ithuba lokudibana noNomsa athe wakha naye ubuhlobo.
- Esedolophini ngaminazana ithile uthenga iphephandaba i-Evening Post aze abone isibhengezo somsebenzi athe wabanomdla kuso. Uvukela kwa-Irvin & Johnson ukuya kufuna lo msebenzi aze afike esangweni abantu benze umqokozo ukufola oku.
- Akubona ukuba iya kuba kudala into yokungena kwakhe usebenzisa ubukrelekrele ngokusuka abhale ileta yesicelo somsebenzi aze ayise azenze ngathi uthunywe ngumlungu wakhe. Uyaphumelela kweli linge aze umsebenzi awufumane.
- Ucelwa nguNomsa ukuba aye kumhlalisa ukumchithisa isithukuhezi kuba abazali bakhe bengekho. Uyavuma kanti kungoko aza kuzifaka enkathazweni kuba esekulo Nomsa njalo kufika uJoe neqela lakhe. Bayabethwa ooNomsa ingakumbi uMangaliso ode waqamangelwa ethenjiswa ngokuya kuphoswa echibini lamanzi ezinzulwini zobusuku.
- Lakuba lifikile ixesha ledinga wenze umthandazo ukuzama ukuzisindisa ekufeni. Uphendulwe umthandazo wakhe kuba besesendleleni eya echibini kuvele amapolisa wabe ke uyasinda.
- Akuba esindile uthathe isigqibo sokuba uyagoduka. Kusile okungaliyo ubophe umgodlo wakhe wenjenjeya ukusinga eziteksini eziya eGcuwa. Uthe esasingasinga ekhangela iteksi wabonwa nguThemba othe wamfaka kwiteksi athe seyigcwala.

- Ekhwele ufumanise ukuba le tekisi ayiyi ngaseGcuwa, ibheka ngaseKnysna.
- Itekisi ibothule kuloo mahlathi aseKnysna baze abahlobo bakhe baqwengwa ziingonyama yena wasinda ngokulambisa ngokusuka asebenzise ubukrelekrele bakhe akhwele emthini.
- Akuzibona ukuba usindile ucinge ngesisu sakhe kuba inxele likaKhetsekile lalimphethe waze wacinga ngokungena esixekweni apho afike wazenza igqirha. Eli linge liye laba yimpumelelo kakhulu. Uqhubile ke wada wafikelwa yinto yokuba makagoduke. Imfuyo yona wayithengisa waze wagcina imali.
- La mazwi athethwa nguMantuli ngawemincili kuba bebona uMangaliso ababengenathemba ukuba usaphila nanjengoko kwakuvakele ngokuqwengwa kwabo ziingonyama kwashiyeka iintloko zodwa ezathi zanceda ekufaniseni ooThemba.

[25]

OKANYE

UMBULO 8 (Umbuzo omfutshane)

- 8.1 NguMkwayi uthetha noThozama. (2)
- 8.2 Emishini eGeorge Goch. (1)
- 8.3 Uphupha egula suka angene umntwana wakhe uZanenkanyamba eludlwabevu lwegqirha efake ezimhlophe aqukeze akhande amnyange. (2)
- 8.4 Ukufika kwakhe efake ezimhlophe eligqirha kukudibana kwakhe nonyana wakhe sele engumfundisi. Ukukhanda kwakhe amayeza ekunyanga uphile yintshumayelo yakhe avumayo ukuba imphilisile. (2)
- 8.5 Spes Bona, Ithemba elihle. (2)
- 8.6 Wasinda ekubulaweni ngooJoe xa babeza kumphosa echibini, wasinda ekuqwengweni ziingonyama kumahlathi aseKnysna. (2)
- 8.7 Sisibaxo/Lubabazo (1)
- 8.8 Sisikhalo sexhego laseMakwayini esasibangelwa kukuhlalywa yintshumayelo kaMangaliso. (2)
- 8.9 8.9.3/Gauteng (1)
- 8.10 Kukubonisa iimfekethwana ezenziwa ngabathandanayo/ukufaka umoya okhaphukhaphu. (2)
- 8.11 Wayemhlonipha uThole njengesifundiswa/inkcubeko kaNtu. (1)

- 8.12 Ubemkhuthaza ngokubuyela esikolweni, empha nemali kwaye engayekanga ukumbhalela. (2)
- 8.13 Ufuna abe ngumfazi wakhe/ufuna ukumtshata. (1)
- 8.14 linzima zam ibe zezakho/ube yintonga yam yasekhosi. (1)
- 8.15 Yinyani kuba ngumsebenzi onzima ukukhokhela abantu ngakumbi abaseGeorge Goch. (2)
- 8.16 Onembeko/othobileyo/othozamileyo nonothando. (1)
- [25]**

OKANYE

UMBUZO 9: (Umbuzo omde)

UKHOZI OLUMAPHIKO: N. Saule

Umfundi anganyathela kwezi ngongoma zilandelayo:

- UMfazwe uyabanjwa kuba kusithiwa unyola umbuso esweni. Uyabethwa aze aye kuphoswa esiseleni.
- Esesiseleni uva ukubhomboloza komntu obethwayo lize lithi ipolisa eliyelanga esiseleni sakhe limxelele xa ebebuza ngesi sikhalo ukuba nguyelalandelayo.
- Akuxelelwa ezi ndaba zokuba nguyelalandelayo uyothuka aze azibhaqecinga yonke into.
- Ngakusa uyandululwa ukusiwa eRhini. Uthotywa isidima ngokugungxwa apha entloko ngengxowa enuka umchamo aze atyhalwe ukuya kufakwa evenini ngasemva. Ngelo xesha asiwa evenini uyabethwa. Uhlaliswa nenja amane engqubeka kuyo itsho imngqavule.
- Uye kothulwa kwesinye isitishi samapolisa ngokungekho similweni kwaye amapolisa embetha emkhaba kananjalo.
- Esiseleni uye wangcokoviswa ngamapolisa waxelelwa nokuxelelwa ukuba angasinda kule mpatho ukuba angaba yimpimpi yawo waze wema entla.
- Emva kokubanjwa kwakhe uMfazwe akuzange kuphinde kubekho kuzola kwaQaka. Amapolisa encediswa nguFriday owaye yimpimpi yamaBhulu ayesoloko esemva koMfazwe. Amaxesha amaninzi wayesinda ngokulambisa.
- Ukubuya kwakhe ekuvalelweni kuzizixholoxholo kwaQaka akukho kuzola kufa abantu abangenatyala. Indlu yakowabo itshisiwe koko kutshiselwa kwemizi yabantu.

- Abantu abanje ngooMfazwe ababezabalazela inkululeko ubomi babo babusesichengeni. UFriday noMfazwe yinyoka nesele kwaye apho ambona khona uzama ngandlela zonke ukumgqithisa amafu.
- Kwintlanganiso eyayisesikolweni awayekhona naye uFriday akungena uMfazwe uzifumanisa ukuba akamkelekanga, uphepha-phephana namanqindi neempama de abaleke.
- Oyena mntu ufunza kuqala akungena uMfazwe kule ntlanganiso nguFriday. Esi senzo senza ukuba idume yonke indlu kubonakale ukuba uFriday bangambulala ngezandla.
- Ekuhlaleni akaphathekanga kakuhle mpela-mpela ngooFriday abaziimpimpi zamabhulu.
- Uthi naxa sele eyokuzifihla kwimoto endala kwatata uGaba ooFriday bamzingele akhethe ukuphuma kulo moto ngokwenza amacebo alusizi.
- Emngcwabeni kaMachule akukho kuzola ngenxa yamapolisa. UMfazwe uphepha-phephana neembumbulu.
- Sele kubuyiwe emangcwabeni akukho konwaba kuMfazwe kangokuba ude ahambe kuba ezingelwa aye kuzifihla kwamfundisi uHlathi.
- Esazimele kwamfundisi njalo ufikelwa ngooSipho bemxelela ukuba makahambe uyafunwa ngamapolisa namajoni.
- Kuyacaca ukuba amapolisa asemva kwakhe kuba kuthi nangeli xesha akwamalume afike kodwa angamfumani.
- Apho ahamba khona uMfazwe akonwabi kuba ubizwa ngokuba uyimpimpi. Loo nto ibubeka esichengeni ubomi bakhe kodwa asinde ngokulambisa.
- UFriday akaphezi ukumenzela amayelenqe uMfazwe okuphazisa ubomi bakhe kuba nokuba sele abe ulalise kwamfundisi uHlathi kuba efuna ukhuseleko, wenza iinzame zokuba afumaneke.
- UMfazwe ngenye imini uva izingqi zooFriday nesithonga sento ibigityiselwa esalele kwamfundisi. Uzixelela ukuba uza kuchwechwa alandele ngenjongo yokuya kuziphindezela.
- Esahamba njalo uva incwina yabantu abonzakele emotweni eye yabhukuqeka. Kwangoko nangoko ayimsitheli into yokuba yimikhuba kaFriday naleyo. Uyaya aye kukroba afike benzakalele ukuba bangabhubha.
- Ubuyela kwamfundisi aze abone igazi ezinyaweni kuMfazwe ambuze ngeli gazi.
- Umfundisi uHlathi ukumsindisa ekufeni ucebise ukuba emke ngoba uFriday usemva kokumbulalisa.

[25]

OKANYE

UMBUZO 10 (Umbuzo Omfutshane)

- 10.1 Ngutatomncinci kaMachule. (1)
- 10.2 Likwinqanaba lesibini (ukunaba kwebali) kuba iziganeko ziyathontelana ukwenzeka oku/ukujiya kwezinto. (2)
- 10.3 Ngabaxhasi bakaMfazwe/Ngabakhuseli/Ngabancedi (1)
- 10.4 Kuyangcwatywa/kuyafihlwa/Kungcwatywa uMachule. (1)
- 10.5 Hayi kuba baphazanyiswa kukufika kwamajoni kwaze kwabakho udushe. (2)
- 10.6 Kwavakala ukuba babanjiwe baze bavalelwa. (1)
- 10.7 Babengasabonakali nangetshengele. (1)
- 10.8 Uyasindiswa ekubanjweni kuba amapolisa ayamfuna. (2)
- 10.9 10.9.2/Ukukhusela (1)
- 10.10 Ukutsalwa ngokungekho similweni (2)
- 10.11 Bubuxoki (1)
- 10.12 NguMfazwe (1)
- 10.13 Uzingelwa ngamapolisa/uzimela amapolisa/Akafuni kubonwa ngamapolisa. (1)
- 10.14 Uzama ukungaqondwa ukuba nguye/ulahla umkhondo. (1)
- 10.15 10.15.1 Izihlwele (1)
- 10.15.2 esinga-singa (1)
- 10.16 Sisihlonipho (1)
- 10.17 Hayi kuba yamphoxa isithi ungutsotsi. (2)
- 10.18 Ngumfundisi uHlathi kuba wayengafuni abanjwe. (2)

[25]**AMANQAKU ECANDELO B: 25**

ICANDELO C: IDRAMA**UMBUZO 11 (Umbuzo omde)****AMAZA: Z.S. Qangule****Umvavanywa unokuchankatha kwezi ngongoma zilandelayo.**

- UNamhla endlwini yabo noSidima bayaxambulisa ukubonisa ukuba ungene emtshatweni angawufuniyo.
- UNamhla uthetha elubala ebonisa ukuba akamthandi uSidima kangangokuba ude amxelele ukuba njengokuba kuza kusa ebuyela eRhawutini uSidima makalibale ngaye.
- Kangangokuba edikwe ngulo mtshato akuwo wesinyanzelo uNamhla umxelela uSidima ngoZodwa ade wanomntwana kuye.
- Umsindo anawo uNamhla umenza ade akhuphe epokothweni yebhatyi kaSidima ifoto kunye neleta evela kuZodwa ayifunde.
- Koku kuxabana kwabo uNamhla ude apakishe impahla yakhe aze amnqande uSidima emthembisa ngokumakhela ikhaya ukumcenga.
- Uphuma izithuba uNamhla akwenza eso sithembiso emxelela ukuba onke loo mabhongo awacingayo aya kuwa phantsi.
- Imbambano ibenza ukuba bade bajijisane kuba engafuni kuva uNamhla.
- ULizo naye endlwini yakhe noZodwa akukuhlanga kuba uLizo umxelelisa ngobuxelelegu bakhe nangokubhitya ukubonakalisa ukuba akamthandi.
- Imbambano ekhoyo phakathi kukaLizo noZodwa, imenze uLizo wade wamxelela ngomntwana ongengowakhe.
- Umsindo anawo uLizo umenza ukuba ade amgxothe uZodwa.
- Akuba emgxothe uyamlandela, aye eRhawutini aze afike adubule uDuma noZodwa ecinga ukuba nguSidima noZodwa umfazi wakhe.
- Injongo yokulandela aze adubule ufuna ukuba kungabikho mqobo eluthandweni lwakhe noNamhla.
- UNamhla noLizo bathandana phandle emva kwesi senzo sikaLizo sokudubula kuba babecinga ukuba kudutyulwe abantu abafanelekileyo, uSidima noZodwa umfazi kaLizo.

- Uthando lwabo lube neziqhamo kuba uye wakhulelwa uNamhla kwaye ebengabonakalisi zintloni ngesi senzo.
- UNamhla utsho ngokwakhe kuVathiswa ukuba eyile nto ayiyo ngokwembonakalo kukutshatiswa ngenkani kwaye ulikhupha litsole elithi bakwahlulwa kukufa kodwa.
- Indlela abathandana ngayo aba babini, uLizo noNamhla ibonakalisa phandle ukuba akukho bani nasiko elinokubahlula.
- Uthando lwesi sibini lwenza ukuba luphulukane nesimilo ngokungayigqali indlela eyiyo yokuthetha nabantu abakhulu ngenxa yesingquku abanaso sokutshatiswa ngenkani nabantu abangabathandiyo. Umzekelo: Umandaba yena abamazi nokuba usisiciko sayiphi imbiza.
- Ukutshatiswa kwakhe ngenkani uNamhla kumenze akababonela ntweni abazali bakhe kuba uphendula unothanda kwaye kuye ligugu nale nto yesi sisu.
- Isenzo sokunyanzeliswa ngomtshato angawufuniyo sisiguqule mpela isimo sikaNamhla kuba uyatshaya kwaye uyasela.
- Sele exelelwe ngamaCirha ngesiko lokungenwa kuba kucingwa ukuba kwasweleka uSidima, uNamhla uyabhenguza ebonisa ukulibhebhehetha.

[25]

OKANYE

UMBUZO 12 (Umbuzo omfutshane)

- | | | |
|------|---|-----|
| 12.1 | UDanile ufike uLizo enkonyene noNamhla osele kungentsuku zingaphi ukuba atshate ngoku ke ubize amaBhele ukuba kuxoxwe lo mcimbi. | (1) |
| 12.2 | Likhazi | (1) |
| 12.3 | Yinyani kuba iintetho zabo ziyabethabethana kuba kwalapha kubo kukho abasixhasayo esi senzo sikaLizo kanti abanye bayasikhaba. | (2) |
| 12.4 | Sisikweko | (1) |
| 12.5 | Noxa le nto kaLizo yokuthandana noNamhla ikhangeleka imbi kwabanye abantu kodwa kwelinye icala ibonakala intle kuba utshata umntu amthandayo. | (2) |
| 12.6 | Uluvo lokuba akuvisiswana nto leyo ibangela ingxaki. | (1) |
| 12.7 | Hayi kuba kwasuka kwabakho ukuxokozela okubangelwa kukungevisisani baze abantu basuka bahamba. | (2) |
| 12.8 | Xolile, Zola noVuyisile (Khetha abe mnye) | (1) |

- 12.9 Ukungaqondakali, ukungabambeki, ukungabonisi nkathalo, ukuxhwila (Nasiphi isibini) (2)
- 12.10 Kwixesha lakudala/lamandulo kuba ngoko kwakusetyenziswa isiko lokubonelwa nokungenwa/kukho aba bangafundanga batshaya oozalipholile ngexesha lokufika kokhanyo kweli. (2)
- 12.11 Hayi eneneni akazange afe uSidima. (2)
- 12.12 Ulwa isiko lokungenwa anyanzelwa ngalo kuba indoda iswelekile abe yena efuna ukuba kunye noLizo. (2)
- 12.13 Ngumntwana wala maxesha kuba uyawazi amalungelo akhe/Uphendulana nabantu abakhulu kanye njengabantwana banamhlanje/uthandana phandle akanazintloni/Uthwala iiwigi/uqaba imilomo bomvu/Unxiba izilekisi/ uyabaphendula abantu abadala. (2)
- 12.14 Nangona zimbi izinto ezenzekileyo ngokuswelekelwa kwakhe ngunyana kodwa kusaza kwenzeka okubi ngokubhekiselele kuNamhla noLizo. (2)
- 12.15 Othakathayo (1)
- 12.16 Kukumzoba ngokumayana (1)
- [25]**

OKANYE

UMBUZO 13 (Umbuzo omde)

A - a - a JONGUMSOBOMVU NguMkonto B.B.

Umfundi unokunyathela kwezi ngongoma xa ephendula.

- Usaqala nje umdlalo simva xa encokola namafanankosi akhe ebuza kuJwarha ukuba baya kuze babuyele nini kumagquba akowabo kuba elona komkhulu labo naliya kweziya ntaba zikaNojoli. Uthi akanakuze onwabe emphefumleni abantu bakhe bekude namathambo ooyise.
- Uthi uSomerset kwincoko yakhe noBeau uMaqoma makabekwe esweni kuba mninzi umonakalo anokuwenza xa engaqatshelwanga. Le nto icacisa ngokuselubala ukuba uMaqoma akakwazi ukunyamezela nokunikezela kwabamhlophe xa ebabona bebhunyula umhlaba wooyisemkhulu.
- Kwincoko kaXhoxho kunye noChizama sikwatyhilelwa kwa ngobu bulumko bukaMaqoma bokuxhalelwa ngamaNgesi xa ezama ukubuyisela umhlaba wakhe obubhunyulwe kwangawo, kuba sibeva kwincoko yabo besithi uMaqoma wayekrikiza ukubanika ababewufuna phesheya kweNxuba kuba besithi baza kumisa icawa, ekhala ngokuba olu hlanga lufana nqwa nenkamela ngokuthi xa lunikwe into lubuye luze kufuna enye kuba aloneli.

- UMaqoma usoloko engayonwabelanga into yokubona uhlanga olumhlophe kumhlaba wakhe kuba uthi xa encokola noNeku ixhala analo lelokuba ingabi kanti iminyanya yakowabo inesikhalazo ngakuye kuba xa eqwalasela ezinye iinkosi zonwabile, zihleli ngomoya woxolo kuba aziphazanyiswa zizaphuselane ezifana noSomerset aba.
- Incoko kaMaqoma namaphakathi wakhe isoloko ibonakalisa umoya wonkwintsho bubukho besizwe samaNgesi phakathi kwesizwe samaXhosa kuba simva esithi eyona nto imbhuqayo kumbuso wamaNgesi zizinto ezisoloko zingoondiyalwa yaye eyona nto ebangela ukuba alandelwe ngochuku ngabamhlophe kukuba wasuka wangena ngendlovu kulo mhlaba kayise xa abangeneleli babefuna ukuba aye kuxinanisa nomntakwabo uTyhali phesheya komlambo iXesi. Ulikhupha poqo ilizwi lokuba umkhonto ufanele ubinze esiqwini kutshaba xa luthabatha umhlaba wakhe kunjalonje ashiye umzila obonakalayo apho ahambe khona kuba akukho apho aya khona nabantu bakhe abaninzi kangaka yaye akasoze abulawe ehleli kwilizwe lookhokho bakhe.
- Inkolo yobuKrestu egqubayo kumhlaba wakhe unkosi uMaqoma iyamxhalisa kuba uva ukuba kukho nezinto ezibhalwayo ngobuzwe ngumkhosi wemithika exhaliswa kukubulawa kobuzwe bamaXhosa kuba akazi ukuba kunokuba kubhalwa ntoni ngentlalo yamaXhosa jikelele amasiko nezinyanya zawo njengokuba beyinyevulela yonke into enexabiso kumntu ontsundu.
- Njengethandazwe uMaqoma usoloko ekuxhalele ukurhwaphilizwa komhlaba wakhe phantsi kwenkolo yobuKrestu kuba behleli nje abamhlophe soloko befuna umhlaba wokwakha amaziko okukhonzela. Kwincoko yabo noKama uvakalisa ingqumbo yakhe xa ebona umhlaba wakhe utyiwa ehleli, ubutyebi bemfuyo burhwaphilizwa ejongile kwakunye nokubulawa kwamasiko nezithethe zakowabo zibhunyulwa ehleli. Ude athi nakanye ukuba akangezimeli iimfuno zabantu bakhe kuba nengqeqesho yasebukhosini wondlelwa, walulekwa kuyo ukuze akhokelele phambili ekulungiseleleni abantu bakowabo. Xa engenakuziqabelisa ezo njongo abukho ubomi kuye yaye ezibona efanele ukunqunqelwa egoqweni xa engenakuyifezekisa le.
- Ukubethelela ukuba uMaqoma akazimisela ukunikezela ngomhlaba wakhe sikuva kwincoko kaBeau xa esithi uSomerset, nguMaqoma yedwa owaya kungena kummango waseKatberg. Kwincoko yabo baqhuba bathi uMaqoma woyikwa nangooSmith kuba ugqugqisa kuwo wonke lo mmandla wakhe ebulala impahla yamaNgesi angayifuniyo aze azithathele ayifunayo.
- Kwiindaba zokungenelwa kukaXhoxho sisizwe samaNgesi, uMaqoma uphendula athi wayemxelele uSomerset ukuba makamyeke azonwaye emhlabeni kayise, wala. Utsho eyalela ukuba kuthunywe abavunduzi baye kulanda loo mpahla ithinjwe ngamaNgesi yaye isizwe singaxhali kuba iminyanya yaso ibajongile.

- Sibona uMaqoma ekhupha umyalelo wokuba amadoda eSivunduvundu ukuba alande iinkomo zabantu bakhe ezibiweyo esebenza ngesidima, cocekileyo ngokungaphalazi gazi yaye angabulali namnye umntu, bangatshisi mizi kodwa indoda efunza esikhumbeni mayiphendulwe kwangesikhumba. Simbona efungele esiqwini kuSomerset kuba utshabalalise umzi kaMntlane kunye nonyana wakhe.
- Xa uMaqoma efika kwikomkhulu kuthe thante amagqobhoka noyise ekwalapha phantsi kwemo exhomisa amehlo yimpilo yakhe enkenenkene simbona evuth'inj'ebomvu efuna ukuqonda kuSomerset ukuba ufuna ntoni na emhlabeni wooyisemkhulu sekucaca mhlophe
- ukuba uzimisele ukulwela amalungelo omhlaba wooyisemkhulu. Uthi uSomerset akukhupha ileta evela eBhritane ekhupha uMaqoma kumhlaba wakhe am'entla kwaye atsho nokuthi uxolele litsh'ibhayi. Imeko yempilo enkenenkene kayise uNgqika imenze uMaqoma amthobele kodwa kungasukuba uyathanda yiyo nalento athi ngenye imini zisaya kungqubana yaye loo mini awuze amasi abe abekwe elangeni.

[25]

OKANYE

UMBUZO 14 (Umbuzo omfutshane)

- 14.1 Uhleli kunye noFiliphu. (1)
- 14.2 Ludaba lokuba uRufus eze kubhena kuba uMaqoma ekhulule uTolim ikhoboka likaRufus athi limbele impahla yakhe. (2)
- 14.3 Lilungelo lokuhlala ngokukhululekileyo/lokuphatheka kakuhle/lokuphatheka ngokufanayo nabanye abantu. (1)
- 14.4 14.4.3/Unesikhundla esiphezulu emkhosini. (1)
- 14.5 Yinyani. UFiliphu ucela uRufus emyala ayeke ubuqhetseba bokuthengisela amaXhosa izinto ezingaxabisekanga aze yena ahlawulwe ngeenkomo. (2)
- 14.6 14.6.2/31 Meyi 1961 (1)
- 14.7 Ndiyavumelana. uSomerset uyibona isisimanga into yokuba uMaqoma afune ukuchophela ityala lomBhritane nto leyo ebonakalisa ukumjongela phantsi de abuze ukuba bayawazi na umthetho/Xa bethetha ngeNkosi uMaqoma ababonakalisi ntlonipho kuba bamkhampula ngegama besithi – uMaqoma. (2)
- 14.8 Kukukhalazela ukugwetywa kwetyala ngendlela enganelisiyo ufuna ukuba inkundla iphinde iliqale phantsi. (2)
- 14.9 Ewe kuba uRufus akanikanga thuba lokuba lichotshelwe ngokomgaqo eli tyala usuke wazigwebela ngokumtyatyusha. (2)

- 14.10 Ngexesha ilizwe laseMzantsi Afrika laliphantsi kolawulo lwaseBhritane. (1)
- 14.11 Ingomdudo/Ingomtshato kaNkosi uMaqoma kunye noNolitha. (1)
- 14.12 Yayilisiko (1)
- 14.13 Yinkomo yenquthu kunye nenkomo yobuso (ubuso bentombi) (2)
- 14.14 14.14.2/Ngamashumi mahlanu anesibini kunye neqegu elihonjiswe laphela (1)
- 14.15 Yamkela uluvo lomfundi xa lunomhluzi atsho alucacise qabavu. (2)
- 14.16 Ulwalamano (1)
- 14.17 Kwabasetyhini/ebafazini/emabhinqeni (1)
- 14.18 Yilaa nkomo ihlawulelwa ubuntombi xa mhlawumbi umfana eyenzakalisile. (1)

[25]**AMANQAKU ECANDELO C: 25****AMANQAKU EWONKE: 80**

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA: IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SOMBONGO

IRUBRIKHI YOKUMAKISHA ISINCOKO SOMBONGO ULWIMI LWASEKHAYA 10 AMANQAKU EWONKE	ULWIMI Ifomathi, ukulandelelana kwezimvo, ulwimi, ithoni, isimbo esisetyenziswe kwisincoko	ESEMAGQABINI Ifomathi ichanekile. Intshayelelo nesiphelo zikumgangatho ophezulu. Ulwimi, isimbo, ithoni, irejista ikumgangatho ophezulu	ENCOMEKAYO Isincoko sicwangciswa kakuhle, Intshayelelo nesiphelo zakhiwe ngobunono. Izimvo ziyalandelelana. Isimbo, ithoni, irejista zikumgangatho ophezulu.	ENENDIMA Ifomathi ingqalile kwaye icacile. Intshayelelo, isiphelo neminye imihlathi inxulumene.	EYANELISAYO Ifomathi inobungqina boyilo. Isincoko siyalambatha kunxulumano. Ilimposiso zolwimi ezingephi. Ithoni nesimbo zibuchaneka.	ESEMGANGATHWENI Ifomathi ineemposiso zoyilo. Izimvo azinakunamathelana. Ilimposiso zolwimi zikho. Ithoni, isimbo azinxulumananga nenjongo yobhalo. Ulwakhiwo lwemihlathi lunemposiso.	EYELELISAYO Ukungacwangcisi nokubekelela okufe amanqe kubulala ukulandeleka kwengxoxo. Ilimposiso zolwimi, isimbo esingesiso senza injongo yobhalo ilahleke tu.	EWE PHANTSI Kunzima ukuqonda ukuba injongo yobhalo ifikelelwe. Akukho bungqina boyilo. Ulwimi alukho mgangathweni. Akukho mihlathi nathungelwano.
UMXHOLO Ukutolika isihloko. Ukuchaneka kwengxoxo. Ukuzixhasa nokulandela umbongo.		7 80 – 100%	6 70 – 79%	5 60 – 69%	4 50 – 59%	3 40 – 49%	2 30 – 39%	1 0 – 29%
ESEMAGQABINI Ulwazi olulodwa lokutolika itekisi. Zonke iinkalo zivelelwe ngokukuko. 90%+ ugqwesile. 80-89% ubalasele. Izimvo eziphezulu ezisuka encwadini ukuxhasa impendulo.	7 80 – 100 %	8 – 10	7 – 8	7 – 7½				
ENCOMEKAYO Kumgangatho ophezulu. Zonke iinkalo zivelelwe ngokwamkelekileyo. Izimvo ezahlukeneyo zinikiwe ukuxhasa impendulo.	6 70 – 79%	7½ – 8½	7 – 8	6½ – 7½	6 – 7			
ENENDIMA Ubonakalisa ukuqonda nokutolika isihloko ngokukuko. Izimvo ezicacisayo zinikiwe kodwa azixhaswanga kangako.	5 60 – 69 %	7 – 8	6½ – 7½	6 – 7	5½ – 6½	5 – 6		

EYANELISAYO Kukho ukutolika isihloko nangona zingavelelwanga zonke iinkalo. Uluvo luxhaswa ngemizekelo encwadini. Izimvo zixhasiwe kodwa ubungqina abanelisi.	⁴ 50 – 59 %		6 – 7	5½ – 6½	5 – 6	4½ – 5½	4 – 5	
ESEMGANGATHWENI Impendulo iphakathi. Ingxoxo ayanelisi yaye luncinci unxulumano phakathi kwesihloko nengxoxo.	³ 40 – 49 %			5 – 6	4½ – 5½	4 – 5	3½ – 4½	3 – 4
EYELELISAYO Ukulandela umbongo kunamabhetyebhetye. Kukho uphindaphindo olumana ukuphuma emxholweni. Ingxoxo ayixhaswa ngokukuko.	² 30 – 39 %				4 – 5	3½ – 4½	3 – 4	1 – 3½
EWE PHANTSI Impendulo inokunxulumana nesihloko. Kodwa ingxoxo ayilandeleki, iphumile emxholweni. Amanqaku amkelekileyo awanalo unxulumano nombongo. Ukulandela umbongo kubhetyebhetye.	¹ 00 – 29 %					3 – 4	1 – 3½	0 – 3

IRUBRIKI YOKUMAKISHA ISINCOKO SONCWADI LWENOVELI NEDRAMA

QAPHELA UMAHLUKO WAMANQAKU ABELWE UMXHOLO NALAWO ABELWE ISAKHIWO NOLWIMI

IIKHOWUDI NOLWABIWO MANQAKU		UMXHOLO (15) Ukuchazwa kwesihloko: ubunzulu bezimvo, ukuzathuza nokuqondwa kakuhle komsebenzi omiselweyo	ULWABIWO- MANQAKU	ISAKHIWO NOLWIMI (10) Isakhiwo sibhalwe kwaye sinikezelwe ngokungangqinelaniyo, ulwimi, ithoni, nesimbo sokubhala.
Ikhawudi 7 80 - 100 %	Kugqwesile 12 – 15 Amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo nolwazi olunzulu ngesihloko, nemiba yesihloko iphicothwe ngokugqwesileyo. Isincoko siphuhlile. (90% + ukugqwesa kwesincoko)Unike uluhlu lwezimvo oluphuhlileyo noluxhaswa ngokugqibeleleyo kwitekisi. Ulwazi lwerejista/lwetekisi luyancomeka kakhulu.	Kugqwesile 8 – 10 Amanqaku	Isincoko sakhiwe ngokuthungelanayo. Intshayelelo nesiphelo ziqqwesile. Izimvo zakhiwe kakuhle kwaye ziphuhliwe ngokucacileyo. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala ziphuhlile, ziyathabathekisa kwaye ziqqwesile.
Ikhawudi 6 70 – 79 %	Kuphakamile 5½– 5½ Amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo echanekileyo ngesihloko. Imiba yesihloko iphicothwe ngokwanelisayo. Isincoko sicacile. Unike uluhlu lwezimvo ezixhaswe kakuhle kwitekisi. Ulwazi lwerejista/lwetekisi luyancomeka kakhulu.	Kuphakamile 7 – 5½ Amanqaku	Isincoko sakhiwe kakuhle. Intshayelelo nesiphelo ziyancomeka. Izimvo neengcinga zilandeleka lula Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zingqinelana ngokuchanelekileyo neenjongo zesincoko. Isinikezelo esihle.
Ikhawudi 5 60-69%	Kuphakathi 9 – 10 Amanqaku	Ubonakalisa ingqiqo nokusiqonda kakuhle isincoko. Uzamile ukucacisa isincoko. Unike uluhlu lwezimvo ezivakalayo kodwa azixhaswanga ngendlela egqibeleleyo. Ulwazi lwerejista netekisi luyabonakala.	Kuphakathi 6 – 5½ Amanqaku	Isakhiwo sicacile kwaye nezimvo zilandelana ngokufanelekileyo. Intshayelelo nesiphelo kunye neminye imihlathi zilungiselelwe zanamathelelana kakuhle. Ukudweliswa kwezimvo kuyalandeleka. Ulwimi, ithoni nesimbo sokubhala zikhangeleka zichaneke kakuhle.
Ikhawudi 4 50 -59 %	Kuyanelisa 5½– 5½ Amanqaku	Uzamile ukubonakalisa ingqiqo malunga nesihloko, kodwa kukho imiba engaphuhliswanga ngokwaneleyo. Amanye amanqaku axhasa isihloko ngokwanelisayo. Izimvo ezininzi zixhasiwe nangona ubungqina buthanda ukunganelisi ncam. Lukho ulwazi olusisiseko lokuyiqonda le jenri netekisi	Kuyanelisa 5 – 5½ Amanqaku	Bukho ubungqina besakhiwo esibonakalayo. Isincoko siyasilela ekwakhiweni kwezimvo ngokulandelelanayo nangokunamathelelanayo. Iziphene zolwimi zikhona. Ithoni nesimbo sokubhala zithande ukuchaneka ngokwanelisayo. Imihlathi ithande ukuchaneka.
Ikhawudi 3 40-49 %	Kuzamekile 6 – 7 Amanqaku	Umbuzo uphendulwe ngokuqhelekileyo nangokungazimiseli ngokupheleleyo. Ingqiqo nokuqondwa kwesihloko kuvezwe kancinci ngoko kukwitekisi. Umfundi akakayilandeli kakuhle le jenri netekisi	Kuzamekile 4 – 5½ Amanqaku	Isakhiwo sibonisa uyilo oluxazalala. Izimvo azibhalwanga ngokulandelelanayo. Kukho ubungqina beziphene zolwimi. Ithoni nesimbo sokubhala zitenxile kwiinjongo zobhalo lwemfundo ephakamileyo yengqiqo. Imihlathi ixazalala.
Ikhawudi 2 30 -39 %	Kunzima 5½– 5½ Amanqaku	Akasilandeli tu isihloko. Isincoko sibonakalisa ukuphinda – phindwa kwezimvo kwaye sithanda ukuphuma emxholweni. Akukho zimvo ziphuhlileyo. Ingqiqo ixazalala/ nezimvo azixhaswa kwitekisi. Akanalo tu ulwazi lwale jenri netekisi.	Kunzima 3 – 5½ Amanqaku	Unikezelo aluniki mdla. Ukusilela kucwangciso lukhokelela ekuvubekeni kwezimvo. Iziphene zolwimi nesimbo esingachanekanga zibangela ukuba esi sincoko sibe sesibhalwe ngokungenampumelelo. Imihlathi ixazalala.

Ikhawudi 1 0 - 29 %	Akaphumelelanga 0 – 4 Amanqaku	Isincoko sifuna ukungqinelana nesihloko kodwa izimvo kunzima ukuzilandela okanye zitenxile. Ufumene ubunzima ekuphenduleni umbuzo. Izimvo zakhe ezimbalwa ezikhangeleka zisemxholweni azinakho ukuxhaswa kwitekisi. Akanalo tu kwaphela ulwazi lwale tekisi nejenri.	Akaphumelelanga 0 – 5½ Amanqaku	Kunzima ukubona ukuba isihloko siphuhlisiwe. Abukho ubungqina besicwangciso sesakhiwo nolandelelwano lwezimvo. Isincoko asinayo imihlathi nonamathelwano. Ulwimi life amanqe. Ithoni nesimbo sokubhala zixazalala kwaye ziphume ecaleni. Ayikho imihlathi nothungelwano.
--------------------------------------	---	--	--	--